

Xhosa : South African Tribal Bible

Ex.20:1-17

- 1 UThixo wawathetha ke onke la mazwi, wathi:
- 2 NdinguYehova, uThixo wakho, owakukhupha ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka.
- 3 Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.
- 4 Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayiphi na into emilise esezulwini phezulu, nesemhlabeni phantsi, nesemanzini aphantsi komhlaba.
- 5 Uze ungaqubudi kwezo nto, ungazikhonzi: kuba mna, Yehova Thixo wakho, ndinguThixo onekhwele, ndibuvelela ubugwenxa booyise koonyana, kwesesithathu nakwesesine isizukulwana sabandithiyileyo;
- 6 ndiwenzela inceba amawaka abandithandayo, abayigcinayo imithetho yam.
- 7 Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho; kuba uYehova akayi kumenza omsulwa ofumana alibize igama lakhe.
- 8 Khumbula umhla wesabatha, ukuba uwungcwalise.
- 9 Wosebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho;
- 10 ke wona umhla wesixhenxe uyisabatha kaYehova uThixo wakho. Uze ungenzi namnye umsebenzi ngawo, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nezinto zakho ezizitho zine, nowasemzini osemasangweni akho:
- 11 kuba ngemihla emithandathu uYehova wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, neento zonke ezikwezo zinto, waphumla ngomhla wesixhenxe; ngenxa yoko uYehova wawusikelela umhla wesabatha, wawungcwalisa.
- 12 Beka uyihlo nonyoko, ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni akunika wona uYehova uThixo wakho.
- 13 Uze ungabulali.
- 14 Uze ungakrexezi.
- 15 Uze ungebi.
- 16 Uze ungangqini ubungqina obubuxoki ngommelwane wakho.

17 Uze ungawunqweneli umzi wommelwane wakho. Uze ungamnqweneli umfazi wommelwane wakho, nesicaka sakhe, nesicakakazi sakhe, nenkomo yakhe, ne-esile lakhe, nanye into eyeyommelwane wakho.